



Inombolo yefayili.: 22/2/6/1
Isalathiso: 20230518-4433

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-FET: 0004/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zeZikolo zeZakhono nezezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukwandiswa kwethuba lokulingwa kwekharityhulam egxila kumakhondo omsebenzi owuqeqeshelweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezivunyiweyo nokuphunyezwa kwayo kwiZikolo zeZakhono

1. Ngo-2017, iBhunga laBaphathiswa beMfundo (*Council of Education Ministers*) lakuvuma ngokusesikweni ukulingwa kwekharityhulam egxila kumakhondo omsebenzi kwiZikolo zeZakhono, okuphele ngo-2020. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwale kharityhulam kuqaliswe ngo-2021.
2. ISebe i-DBE likhuphe iSetyhula S10 ka-2020, yange-19 Novemba 2020, (eqhotyoshelwe njengesihlomelo A), nenika iingcebiso ngokuphathelele ekuphunyezweni ngokupheleleyo kwekharityhulam egxila kumakhondo omsebenzi owuqeqeshelweyo kwizikolo zeZakhono nokulingwa kwale kharityhulam igxininisa kumakhondo omsebenzi owuqeqeshelweyo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.
3. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukuba iSebe i-DBE alikakulungeli ukuphunyezwa ngokupheleleyo kwale nkqubo yaye lenza amalungiselelo okuba izikolo ezivunyelweyo ziqhubeke nekharityhulam elingwayo, nethe **yafakelwa izilungiso kumhlathi 7 weSetyhula S10 ka-2020** kwizifundo ezifundiswayo.
4. Esi silungiso sifakiweyo sichaza ukuba abafundi abakwiBakala 8 nele-9 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo abathatha inxaxheba kwikharityhulam elingwayo baya kuqhubeka ukufezekisa iimfuno ezimiselweyo zeprogram zeSigaba esiPhakamileyo njengoko kucacisiwe kwi-*National Policy Pertaining to the Programme and Promotion Requirements for the National Curriculum Statement, Grades R-12*. Izikolo ziya kuqhubeka ukufunda uLwimi lweeNkobe, uLwimi lokuQala oNgezelelweyo, iMathematika, i-Natural Sciences, Social

Sciences ne-Life Orientation kodwa zivumelekile ukuba **zifundise ukuya kutsho kwizifundo ezithathu ezinokukhethwa (electives) ukususela ngo-2024, ezithatha indawo yazo naziphi na izifundo kwezi zithathu zilandelayo: iThekhnoloji, i-Creative Arts, ne-Economics and Management. Sciences.**

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liya kwazisa izikolo xa umgaqo-nkqubo ugqitywe yaye kwafumaneka nomhla wokuphunyezwa ngokupheleleyo kwawo kwiSebe i-DBE. Makuqatshelwe ukuba imigaqo eya kulandelwa ukufundisa izifundo ezitsha iya kungqinelana neSetyhula 0036/2021, yomhla we-18 Juni 2021.
6. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okubhalwe kule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabasebenzi abachaphazelekayo esikolweni ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-06-21